



UMBUTHO WEHLABATHI WABONGIKAZI KUNYANGO LWESIFO SOMHLAZA

INGXELO

Intlungu yasifo somhlaza

Intshayelelo :

Bonke abantu abanentlungu yomhlaza banelungelo lokufumana uncedo olungcono lokuthomalalisa le ntlungu.

Imvelaphi :

Umbutho wempilo wehlabathi uqikelela ukuba kubantu abazizigidi ezintlanu abathi basweleke ngenxa yesifo somhlaza kunyaka ngamnye abazizigidi ezine kubo basweleka ngenxa yokungathonyalaliswa kweentlungu. Ungcungcutheko olungathethekiyo ngenxa yokungathonyalaliswa kwezintlungu zomhlaza luthi lube yeyona ngxaki inkulu nenzima ethi ihlabe ikhwelo kwabezempilo. Ukunikelwa koncedo lokuthomalalisa iintlungu kubantu abanesifo somhlaza kuyeyona nto ibaluleke kakhulu.

Ukungathinyalaliswa kweentlungu kubangela inkxwaleko nongcungcutheko kwaye kucutha nobomi balowo ugulayo. Olonxunguphalo lungaka aluyomfuneko kuba amashumi alithoba ekhulwini ale ntlungu yomhlaza anokuthonyalaliswa ngokwaneleyo. Iindlela zokuthonyalaliswa kwezintlungu zimbaxa kakhulu ziquka ukuqwalaselwa kweempawu nesimo

somzimba, imeko yokuhlala, ezenkolo, ezoqoqosho kunya namasiko nenkcubeko. Zonke ezi zinto zinefuthe nenxaxheba enkulu kwimpilo yalowo ugulayo. Imiqobo ethi ibangele ukuba lentlungu yomhlaza ingalawuleki kakuhle icalulwe yaba ngamanqanaba amathathu : Ukunqongophala kolwazi oluphangaleleyo kwabo banceda ukunyanga esisifo, iinkolelo nokukhohlisana kwabaguli neetshapho zabo kunye nezizalwane zabo nokunqongophala kweenkonzo zonyango nemithetho kwanemiqathango ehamba nazo. Nangona sekukho ukusiqonda esisifo somhlaza, le miqobo isathe gqolo ukuthintela iinzame zokuphucula ukunyanga ezi ntlungu zomhlaza.

Unyango lweentlungu zomhlaza luthi lube nefuthe elikhulu elikhulu xa luthelancediswa ngokuthi lancediswa ngokuthi umguli lowo agcinwe onwabile kuzanywe ukunyangwa ezo ndawo akhala ngazo. Ingqwalasela ethi inikwe kolu nyango lwesifo somhlaza ithi icuthe izixhobo ezikhoyo zokunyanga iimpawu nokuhambela iindawo zoncedo lwezempilo. Ukusilela ekuqondiseni intlungu yomhlaza ngokupheleleyo kubangela ukungafikeleli kwiifuno ezidingwa zizigulane ezinezintlungu zingathonyalaliswa. Kukho isidingo esingxamisekileyo ekucaciseni nasekuthwaleni uxanduva lokunyanga iintlungu kwiinkonzo zempilo.

INDAWO ESIKUYO SINGUMBUTHO WABONGIKAZI

Unyango lweentlungu zomhlaza yeyona nto ibaluleke kakhulu kubongikazi abaqeqeshelwe ukuzama ukuthomalalisa iintlungu zomhlaza. Abongikazi ngabona baququzela uncedo ngexesha lengulo kwaye bangabathunywa abaqisekisa ukuba iintlungu zomhlaza ziyathonyalaliswa ngokupheleleyo.

Kwiimeko apho kungekho mayeza okuthomalalisa ezi ntlungu, abongikazi basebenza nzima beqinisekisa ukuba ezi ntlungu zithonyalaliswa ngezinye iindlela eziquka ubushushu, ingqele nezinye iinzame zonyango ezinokuthi zifumaneke. Ukuphilisa ngokwasemoyeni kwanokuthetha elubala ngentsingiselo yalentlungu kuye kuncede ekucutheni le ntlungu nasekuqinisekiseni ukuba umguli kunye nosapho lwakhe bangaziboni bengamakheswa angafumani luncedo.

Umbutho wabongikazi wehlabathi onceda ukunyanga isifo somhlaza uyaqhubeka unika inkxaso, unxibelelwano, ungenisa iindibano nooxa babo kunye namathuba okufundisana – zonke ezo nzame nobuchwepheshe obufunekayo ekuzalisekiseni kwendima yabo ekuphuculeni ukunyangwa kweentlungu zomhlaza.

UMBUTHO WEHLABATHI WABONGIKAZI
UQINISEKISA UKUBA :

(1) Abongikazi banoxanduva lokunikela ngoncedo olungcono ekuthomalaliseni iintlungu zomhlaza kwabo bagulayo.

(2) Abongikazi badlala indima yobunkokheli ekuqapheleni nasekuxilongeni kwanesekuvavanyeni iintlungu zomhlaza, ekucwangciseni, ukubeka endaweni, ukuseka nokuvavanya lenkqubo yokuthomalalisa iintlungu zomhlaza.

(3) Abongikazi kufuneka basebenze kangangoko banako ukunciphisa okanye ukususa imiqobo ekhoyo kwinkonzo yezempilo, khona ukuze bazise eyona ndlela isebenzayo eneziphumo ezincomekayo ekunyangeni ezintlungu.

(4) Abongikazi babengabameli abanamandla baqinisekise ukuba zonke iindlela ezingonelisiyo ekuphiliseni ezi ntlungu bazithathele ingqalelo bazichaze elubala.

(5) Abongikazi mabathathe uxanduva lukufundisa uluntu jikelele, izigulane nezizalwane zazo



ngeendlela zokudambisa
nokuthomalalisa ezi ntlungu zomhlaza
nezinye iindlela neendawo
ezifumanekayo ekuncediseni kuvavanyo
nakunyango lweentlungu zomhlaza.

(6) Abongikazi babanefuthe kwimigaqo
nakwimiqathango kwilizwe lethu nakwihlabathi
jikelele kwiindawo zokunikezela izixhobo
zokuthomalalisa ezi ntlungu zomhlaza, bakwenze
oku ngokuthethana nabaphetheyo bezopolitiko
nababeki bemithetho nemigaqo.

(7) Abongikazi fununeka bathabathe inxaxheba
kwizifundo banzi ngesi sifo basebenzise iziphumo
zoluphando kumalinge abo okufundisa uluntu
kwanokuziphuhlisa emsebenzini.